URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Deborah Williams**
ICandelo loLawulo loVavanyo
Deborah.Williams@westerncape.gov.za | 021 467 2407

Inombolo yefayili: 20/2/1/1
Isalathiso: 20240705-5034

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0011/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe; kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko kuBacebisi ngeZifundo, nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nezeSatifikethi seMatriki

**Isihloko: Iimviwo zangoNovemba zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zango-2024: Iinkqubo nesikhokelo sokuqhutywa kweemviwo zepraktikhali zokugqibela kwizifundo ze-*Design* ne-*Visual Arts***

1. ISebe leMfundo esiSiseko likazwelonke (iSebe i-*DBE*) lapapasha uxwebhu i-*Examination Instruction No*. 23 luka-2024, lomhla we-25 Juni 2024, yaye linqwenela ukuba nithathele ingqalelo iinkqubo emazilandelwe ngokuthe mbo xa kuqhutywa iimviwo zepraktikhali zokuphela konyaka zezifundo ze-*Design* ne-*Visual Arts*.

2. Amaphepha emibuzo eemviwo zepraktikhali zokuphela konyaka ezifundo ze-*Design* ne-*Visual Arts* (*Design Paper* 2 *and Practical and Visual Arts Paper* 2), ango-2024), aya kuba nala macandelo mabini alandelayo:
   - *Section* A: *Source Book or Workbook*
   - *Section* B: *The Artwork or Product*

3. Izikolo namaziko ezobugcisa makaqinisekise ukuba bonke abaviwa abenza izifundo ze-*Design* kunye/okanye eze-*Visual Arts* banawo amaphepha emibuzo ukwenzela ukuba banikwe ithuba lokufumana ingcaciso ngeCandelo A lephepha lemibuzo. Abaviwa mabasayine irejista bakuba belinikiwe iphepha lemibuzo.

4. NgeKota yesi-3, abaviwa mabalugqibe uphando olwaneleyo baqokelele yaye badibanise yonke imathiriyeli efanelekileyo yokulungiselela iCandelo A lephepha lemibuzo yomviwo. ICandelo A lingenziwa nokuba kungexesha lokufundisa okanye emva kweeyure zokufunda zesikolo.


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

5. ICandelo A loviwo lwepraktikhali maligqitywe ngaphambi kokuqala iCandelo B loviwo lwepraktikhali.

6. ICandelo B malibe seligqityiwe ungadlulanga **uMvulo, we-14 Oktobha 2024**.

7. ICandelo B loviwo lwepraktikhali malizaliswe **phantsi kwemimiselo yeemviwo** kwindawo yokubhalela iimviwo ngethuba lokufundisa eliqhelekileyo kungabi ngexesha lasemva kweeyure zesikolo okanye ngeempelaveki. Kucetyiswa ukuba kulungiselelwe iiseshoni zeentsuku eziliqela zeeyure ezine ukuya kwezintandathu eziliqela, bade bonke abaviwa babe bawugqibile umsebenzi wabo wezobugcisa (*artwork*) okanye isiveliso (*product*), sabo okanye zide zigqithe iiyure eziyi-24 ezabelwe lo msebenzi. Makwenziwe amalungiselelo angaphakathi kwisikolo ngasinye okanye kwiziko lezobugcisa ngalinye ukulungiselela imisebenzi yezifundo zobugcisa enokufunwa likhondo elithile lezobugcisa, umz. eleesiramikhi.

8. **Kufuneka** kugadwe abaviwa ngokungqongqo ngutitshala wezifundo ze-*Design* kunye/okanye ze-*Visual Arts* **kunye** nomgadi wabaviwa ngethuba lokuqhutywa koviwo.

9. **Akuvumelekanga** ukuba abaviwa bashiywe bebodwa xa besenza iCandelo B, **yaye bengavumelekanga** nokuba bagoduke nemisebenzi yobugcisa okanye iziveliso *(products)* ezenziwayo ezingagqitywanga. Yonke imisebenzi yobugcisa okanye iiprojekthi zepraktikhali ezingagqitywanga mazigcinwe esikolweni kude kube yiseshoni elandelayo ebhalwe kwithayimtheyibhile.

10. Kucelwa zonke izikolo okanye amaziko ezobugcisa afundisa izifundo ze-*Design* kunye/okanye eze-*Visual Arts* ukuba angenise iithayimtheyibhile zawo zokuqhutywa koviwo lweCandelo B kuMcwangcisi wezeKharityhulam oMkhulu wezifundo ze-*Design* neze-*Visual Arts* apha: leigh-ann.pringle@westerncape.gov.za phambi okanye engadlulanga **uLwesihlanu, we-02 Agasti 2024**. UMcwangcisi weKharityhulam oMkhulu makazidibanise iithayimtheyibhile ngeenjongo zokubeka inkqubo esweni.

11. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i-*WCED*) neSebe i-*DBE* likazwelonke baya kukubeka esweni ukubhalwa kwezi mviwo zepraktikhali. Ishedyuli yokubekwa esweni kwezi mviwo zepraktikhali, esekelwe kwiithayimtheyibhile ezingeniswe zizikolo nangamaziko ezobugcisa, iya kungeniswa kwakhona kwiSebe i-*DBE* likazwelonke naku-Umalusi.

12. ISebe i-*WCED* liya kucwangcisa imihla yokumakisha nokumodareyitha ukuqinisekisa ukuba yonke imisebenzi yepraktikhali iyamakishwa yaye imodareyithwe engadlulanga **uLwesihlanu, we-25 Oktobha 2024**.

13. Nayiphi na imibuzo engokuqhutywa kweemviwo zepraktikhali zokuphela konyaka zezifundo ze-*Design* ne-*Visual Arts* inokuthunyelwa kuNks Leigh-Ann Pringle kule dilesi ye-imeyili: leigh-ann.pringle@westerncape.gov.za.

